Wonke umntwana ubalulekile

›› Kungani na sivala izikolo

INkundla ePhakamileyo yeZibheno ikuvumile ukuvalwa kwezikolo eziyi-16 eNtshona Koloni. Nazi iimpendulo kwimibuzo eminzi ebuzwa luluntu ngalo mba.

Q Kutheni kufuneka kuvalwe izikolo?

Injongo yethu kukuphucula amathuba abantwana abakwezi zikolo. Sinqwenela ukubafaka ezikolweni ezixhotyiswe ngcono ukwenzela ukubanika imfundo esemgangathweni.

Q Yintoni engalunganga kwizikolo oceba ukuzivala?

Imeko ayifani kwisikolo nesikolo. Uninzi lwezikolo esinqwenela ukuzivala zizikolo zasemaphandleni ezincinane kakhulu ezingenazo izibonelelo ezifunekayo zokufundisa ikharityhulam epheleleyo. Oku akuthethi ukuba ezi zikolo ziqhuba kakubi. Kuthetha nje ukuba ezinye izikolo ezikhulu kunazo zixhotyiswe ngcono ukuba zibonelele ngemfundo esemgangathweni. Kumele siqwalesele ezinye iindlela ezibandakanya ukuvalwa nokudityaniswa kwezikolo, ukuba amanani abafundi ayehla, ukuba izakhiwo zigxagxisekile yaye ayizozakhiwo zesebe, naxa kunokubanakala ngathi abafundi banokufumana iziphumo ezibhetele kwesinye isikolo. Isebe liya kwazisa abantu abangabahlali besikolo ngasinye ngezizathu kanye ngqo zokuba kungani na isebe lifuna ukusivala isikolo eso. ISebe leMfundo liya kwazisa abantu abangabahlali besikolo ngasinye ngezizathu ezithile zokuba ngaba kutheni na iSebe leMfundo linqwenela ukusivala isikolo eso.

Q Yeyiphi imigaqo-nkqubo esebenzayo ekuvalweni kwezikolo?

ISebe iWCED lisebenza ngokoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika ne-national Guidelines on the Rationalisation of Small and Non-viable Schools. Esi sikhokelo sisebenza kwizikolo ezisezidolophini nakwezo zisemaphandleni.

Q Ndingazivakalisa njani izimvo zam ngezi ngcebiso zenziweyo?

Unako ukuvakalisa izimvo zakho kwintlanganiso yoluntu ngokubanzi ebizwe lisebe, ngethuba lenkqubo yothatho-nxaxheba kwiingxoxo zoluntu ngokubanzi. Qhagamshelana nesikolo sakho okanye ne-ofisi yesithili semfundo yakho ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu. Ukufumana iinkcukacha zoqhagamshelwano, yiya kwiziko lewebhu leSebe iWCED apha **wced.school.za**

Q Umntwana wam uya kuncedakala njani kukuvalwa kwezikolo?

Injongo yethu kukuphucula amathuba omntwana wakho. Sinqwenela ukumfaka umntwana wakho esikolweni esixhotyiswe ngcono ukuba sibonelele ngemfundo esemgangathweni.
Siniqinisekile ukuba siya kumfaka umntwana wakho kwindawo engcono, ekhuselekileyo nekhuthaza ukufunda.
Ikomiti yethu ekwisithili semfundo iya kuqhagamshelana nawe ngeenkcukacha ezichaphazela ukusa umntwana wakho kwisikolo esitsha. Impumelelo yeli nyathelo iya kuxhomekeka kwindlela esisebenzisana ngayo kunye ukuqinisekisa le mpumelelo.

Q Ngaba niyathetha-thethana nabantu abachaphazelekayo?

Ewe. Uthatho-nxaxheba lwabantu lubalulekile kule nkqubo iyonke.
Izithili zemfundo zethu zitshekisha izibonelelo ezikolweni okokoko ngokuqhagamshelana nezikolo ezichaphazelekayo. ISebe leMfundo leNtshona Koloni licebisa uMphathiswa weMfundo wePhondo ukuba kuvalwe ezo zikolo likholelwa ukuba oko kuyimfuneko. UMphathiswa wePhondo uye aziqwalaselisise ezi ngcebiso ajonge isikolo nesikolo ngasinye ngokubhungisana athetha-thethane nabahlali bezikolo abachaphazelekayo. UMphathiswa wePhondo uqala ngokuthetha-thethana nebhunga lolawulo lesikolo, kuze emva koko kulandele abahlali besikolo ngokubanzi, kusetyenziswa inkqubo yothatho-nxaxheba kwiingxoxo luluntu ngokubanzi, njengoko kufuneka.
Uya kwenza isigqibo sokugqibela emva kokuthathela ingqalelo ngobulumko izimvo zabo bonke abathathi-nxaxheba. Uya kusisekela eso sigqibo sakhe kwezo zinto zilungiselela abafundi abachaphazelekayo ngeyona ndlela ibhetele.

Q Kutheni ningaqeshi ootitshala abaninzi kwizikolo zasemaphandleni ezincinane?

Sabela izikolo ootitshala ngokwenani labafundi abakwezi zikolo. Uninzi lwezi zikolo zinabafundi abanele kuphela iklasi enye okanye ezimbini.
Oku kuthetha ukuba abantwana abakwezi klasi badla ngokuba kwibakala elingaphezu kwelinye. Ootitshala basebenzisa iindlela ezikhethekileyo ukufundisa iiklasi ezinamabakala amaninzi (multigrade classes), kodwa abakwazi ukwenza umsebenzi ofanayo nalowo wenziwa zizikolo ezikhulu ezineeklasi ezinebakala elinye (single-grade classes).

Ootitshala basebenzisa iinkqubo ezizodwa ukufundisa iiklasi zamabakala amaninzi eklasini enye, kodwa abakwazi kwenza umsebenzi ofanayo njengakwizikolo ezikhulu ezineeklasi ezinebakala elinye eklasini (single-grade classes).

Kutheni le nto kunjalo?

Utitshala ofundisa abafundi kumabakala asixhenxe eklasini enye, ukwenza umzekelo, kufuneka acwangcise aze afundise izifundo ezingama-50 ngosuku ukwenza umsebenzi ofanayo nalowo wenziwa ngootitshala abasixhenxe abakwisikolo esikhulu kunesabo, ngamnye eneklasi yebakala elinye. Oku kunzima ukukwenza.

Q Ngaba iNtshona Koloni kuphela kwephondo elizivalayo izikolo?

Hayi. Umzekelo, amasebe emfundo amaphondo avala ngaphezulu kwezikolo ezili-1 264 kwilizwe liphela ngo-2009 ukuya ku-2013, ngokwengcaciso evela kwiSebe leMfundo esiSiseko.

URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo
UBAMBISWANO NGAMANDLA.

Ihlaziywe: Nge-10 Disemba 2014